
# UMSEBENZI OPHAMBILI ONGUNDOQO KA2021/22

## UKUPHUCULA UFIKELELEKO LWEENKONZO ZIKARHULUMENTE



**ISebe liyaqhubeka nokusungula izinto ezintsha ngenjongo yokuphucula ukufikeleleka kwaBemi kwiinkonzo.**

- The progamme is keeping up with the Fourth Industrial Revolution through partnering with stakeholders that facilitate robotics and coding programmes, to build capacity and skills of young people.
- Enye yezinto ezintsha ezalingwayo kukusetyenziswa kwedroni yobuxhakaxhaka bobuchwepheshe ekunxulumeni nabemi.

## UKUQINISEKISA INGUQULELO EZOLILEYO EMVENI KOLONYULO LUKARHULUMENTE WENGINGQI





- ISebe lidlale indima ebalulekileyo ekuncedeni oomasipala ngamalungiselelo oNyulo looRhulumente beNgingqi ka2021.
- Ngaphambi konyulo kwanikelwa isikhokelo nenkxaso koomasipala ngokusasazwa kweesetyhula ezahlukileyo kwiindawo ezininzi.
- ISebe liseke iDesika yoNcedo yoNyulo ukunika isikhokelo somthetho neencebiso koomasipala.
- ISebe linike isikhokelo malunga nokwakhiwa kwebhunga, uhlobo lukamasipala, inani leewodi nooceba abasisigxina ngokwezaziso zabo.
- Amagosa ayethunyelwe kwiintlanganiso zokusungula zikamasipala ukuze abeke iliso, acebise kwaye axhase oomasipala.

## UKUPHUCULA UMSEBENZI PHAKATHI KWABEMI NOOMASIPALA



- Ngeeseshini zokufikelela kubantu zeMfundo yoLuntu eziye zaqhutywa ngentsebenziswano noomasipala, siye sathatha amanyathelo okufundisa abahlali ngendima yabo kurhulumente wengingqi, ukuze sikwazi ukuhamba nabo njengoko sizama ukuphucula ukukhutshwa kweenkonzo ukuze kuxhamle bona.

## UKUPHUNYEZWA KWENDLELA YOMANYANO YESITHILI NESITHILIESIMBAXA

**INdlela yoManyano yeSithili neSithili esiMbaxa (JDMA) iye yafakwa kuwo onke amaziko ezithili zePhondo kwaye ifumana inkxaso kumasebe ephondo, koomasipala nakwamasebe kazwelonke, ezinye iiprojekthi ezingundoqo phantsi kwesi sambulo zibe ngolu hlobo lulandelayo;**



- Uthungelwano lulaloliwe olwandisiweyo: Ukwandisa ukukhula koqoqosho nokudalwa kwemisebenzi ngokuphucula ukufikeleleka kwiimarike zamazwe ngamazwe ngokusebenzisa iziBuko zaseKapa: Inkxaso yoMnikelo yaseDanish ekhuselwe ukuxhasa iprojekthi.
- Ukutshintshwa komhlaba: Ukukhutshwa komhlaba ocwangcisiweyo kwenze ukuba kuphuhliswe isikolo samabanga aphantsi esitsha eGrabouw kwandiswa nekliniki ekhoyo eCaledon.
- Ubonelelo lweenkonzo eziSiseko kwiiNdawo eziPhambili zamaTyotyombe (eDrakenstein): iprojekthi iqale ngenkxaso mali kamasipala. Ifunyenwe inkxaso mali eyongezelelweyo
- Iziko loLutsha lasePiketberg: Icandelo labucala, inkxaso mali kamasipala neyephondo igcinelwe iZiko leeNjongo ezininzi zoPhuhliso loLutsha kunye neZiko loPhuhliso lweZakhono. Eli ziko liza kubandakanya neZiko leNkonzo iThusong ukufikelela kwiinkonzo zikarhulumente; ezinye iinkonzo ezifana nezibonelelo zononophelo lwasemva lwabantwana, iindawo zokucebisa, izibonelelo zemidlalo nezonolwabo.
- Uthungelwano lweNdlu yoKhuseleko: inkqubela eyenziweyo ngokudala uthungelwano lwezindlu ezikhuselekileyo kwiSithili saseOverberg. Okunye, ukuhloa ukuba nokukhathalela izigulana ezingalaliswayo njengenxalenye yenkqubo ecwangcisiweyo yokubuyiselakwisimo esingaphambili iziyobisi.
- Ukwandiswa kweZibuko zaseSaldanha: iR96 yezigidi zotyalo mali ekuphuculeni amazibuko eSaldanha nasePepper Bay iprojekthi eza kugqitywa ngo2022.
- Isicwangciso soKhuseleko lwasemaphandleni:inkxaso mali efunyenweyo ibangele ukuphunyezwa kweeprojekthi ezingundoqo zokhuseleko, ezizezi; ukuBekwa eSweni kwamaPolisa, iLiso loBumelwana, ukuPhendula ngokuSetyenziswa bugwenxa kweZiyobisi kunye nokuBuyiselwa kwisimo sesiqhelo, neMpendulo yoTywala noBudlobongela baseKhayeni.
- Idama elitsha/iNdawo yokuCoca amanzi kunye nokuGqityezelwa kweeBlossom kunye nezityalo: Inkxaso mali igcinelwe iprojekthi yeeBlossom.



## UKOMELEZA ULUNGISELELO LWENTLEKELE KUNYE NEMPENDULO YEPHONDO



IMAGE BY FREEPIK

- Njengenxalenye yeQhinga loThintelo lokutshona eNtshona Koloni kunye noKhuseleko lwaManzi, iZiko liququzelele inkqubo yokhuseleko lwamanzi ekukhuseleni abantwana ehlotyeni.
- OOmasipala baxhaswe ngeenkqubo zeSakhono sezoMlilo ukuze bakwazi ukusabela ngcono ngexesha leentlekele ezinjalo.

ICONS BY FLATICON